



# basic education

Department:  
Basic Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

## NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

**IBANGA 12**

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)**

**IPHEPHA LESITHATHU (P3)**

**NOVEMBA 2019**

**ISIKHOKELO SOKUMAKISHA**

**AMANQAKU: 100**

**Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-14.**

## ICANDELO A: ISINCOKO

### UMBUZO 1

#### Imiyalelo yokumakisha

- Kweli candelo umviwa ukhetha isincoko sibesinye. Xa ekhethe zazibini, makisha esokuqala.
- **QAPHELA:** Umviwa angabhala naluphi udidi lwesincoko ngesihloko asikhethileyo.
- Ubude besincoko bumele ukuba kwisithuba samagama ali-190 ukuya kuma-240.
- Sebenzisa irubriki esisihlomelo A ukumakisha esi sincoko.

1.1	Isihloko:	Nda-ahleka, ndahleka loo mini.	
	Umxholo:	<b>Umviwa angabalisa/chaza/camngca.</b> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Isiganeko semini enye ekwenzeka ngayo oko kwamhlekiwayo/imeko eyenza ukuba ahleke</li> <li>• Makucace okwenzeka ukuba le mini ingalibaleki</li> <li>• Iballi alifundayo/alibukelayo elamhlekiwayo</li> </ul> <p>[Naziphi izimvo zomviwa ezisemxholweni ziya kwamkeleka.]</p>	
	Imo efanelekileyo:	Intshayelelo, isiqu nesiphelo.	
	Ulwimi:	Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.	
			<b>[50]</b>

1.2	Isihloko:	Indima edlalwa ziingoma.	
	Umxholo:	<b>Umviwa angabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala amabini/xoxa ngomnye kule mixholo ilandelayo.</b> <ul style="list-style-type: none"> <li>• lindidi zeengoma nendima eziyidlalayo entlalweni/eluntwini</li> <li>• Okuhle nokubi ngeengongoma ngokwemiyalezo eziyiqulathileyo</li> <li>• Ukuhlangabezana kwengoma nentswela-ngqesho</li> <li>• Indima edlalwa ziingoma ekukhuliseni ezoqoqosho</li> </ul> <p>[Naziphi izimvo zomviwa ezisemxholweni ziya kwamkeleka.]</p>	
	Imo efanelekileyo:	Intshayelelo, isiqu nesiphelo.	
	Ulwimi:	Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.	
			<b>[50]</b>

1.3	Isihloko:	Ifashoni	<b>[50]</b>
	Umxholo:	<p><b>Umviwa angabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala amabini/xoxa ngomnye kule mixholo ilandelayo.</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ibali elingqamene nefashoni</li> <li>• Ukutshintsha-tshintsha kwefashoni</li> <li>• Icala elihle nelibi lefashoni</li> <li>• Ifuthe lefashoni kwezentlalo nakuqoqosho lwelizwe</li> </ul> <p>[Naziphi izimvo zomviwa ezisemxholweni ziya kwamkeleka.]</p>	
	Imo efanelekileyo:	Intshayelelo, isiqu nesiphelo.	
	Ulwimi:	Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.	

1.4	Isihloko:	Ukuba ndandingangxamanga ...	<b>[50]</b>
	Umxholo:	<p><b>Umviwa angabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala amabini/xoxa ngomnye kule mixholo ilandelayo.</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Isiganeko semini enye esidala ukuba kuthethwe la mazwi</li> <li>• Inokuba yimeko ebangela ukuzisola okuthile</li> <li>• Kunokubhekiswa kwimeko eyayinokwenzeka okanye engazange ikwazi ukwenzeka ngenxa yokungxama</li> </ul> <p>[Naziphi izimvo zomviwa ezisemxholweni ziya kwamkeleka.]</p>	
	Imo efanelekileyo:	Intshayelelo, isiqu nesiphelo.	
	Ulwimi:	Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.	

1.5	Isihloko:	Utshintsho alusoloko lulungile.	<b>[50]</b>
	Umxholo:	<p><b>Umviwa angabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala amabini/xoxa ngomnye kule mixholo ilandelayo.</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Imeko apho kwakucingwa ukuba utshintsho lulungile kanti luza kuba neziphumo ezizezinye</li> <li>• lingxaki ezidalwa lutshintsho – ukuxhathisa koluntu ngenxa yesiqhelo/ukusetyenziswa kwemali</li> <li>• Uncedo oluza notshintsho ekuphuculeni imigangatho yamaqumrhu/yeenkonzozo zikarhulumente</li> <li>• Ukuba yingxaki kotshintsho – amacala omabini</li> <li>• Utshintsho neendlela ezahlukileyo abalubona ngazo abantu</li> </ul> <p>[Naziphi izimvo zomviwa ezisemxholweni ziya kwamkeleka.]</p>	
	Imo efanelekileyo:	Intshayeleyo, isiqu nesiphelo.	
	Ulwimi:	Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.	

1.6	Isihloko:	Itekhnoloji likhaya lethu.	<b>[50]</b>
	Umxholo:	<p><b>Umviwa angabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala amabini/xoxa ngomnye kule mixholo ilandelayo.</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Imeko/Ukwamkela itekhnoloji kubomi banamhlanje</li> <li>• Imfuneko yokusebenzisa itekhnoloji kula maxesha sikuwo</li> <li>• Iziphumo ezihle nezibi zokusebenzisa itekhnoloji/ukulunga nokungalungi kokulandela itekhnoloji</li> <li>• Oonobangela neziphumo zeemeko abakuzo abantu ngenxa yetekhnoloji</li> </ul> <p>[Naziphi izimvo zomviwa ezisemxholweni ziya kwamkeleka.]</p>	
	Imo efanelekileyo:	Intshayeleyo, isiqu nesiphelo.	
	Ulwimi:	Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.	

1.7.1	Isihloko:		<b>[50]</b>
	Umxholo:	<p><b>Umviwa angabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala amabini/xoxa ngomnye kule mixholo ilandelayo.</b></p> <p>Makanike isihloko esifanelekileyo.</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukuzilolonga</li> <li>• Imidlalo yasezintabeni/yasemkhenkceni</li> <li>• Ukushiya ilizwe elinengqele/imeko ebungqelerha/ingxondorha</li> <li>• Ibali lokubaleka ngenxa yokothuswa yinto ethile/sisilwanyana sasendle esithile</li> <li>• Indalo</li> </ul> <p>[Naziphi izimvo zomviwa ezisemxholweni ziya kwamkeleka.]</p>	
	Imo efanelekileyo:	Intshayelelo, isiqu nesiphelo.	
	Ulwimi:	Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.	

1.7.2	Isihloko:		<b>[50]</b>
	Umxholo:	<p><b>Umviwa angabalisa/chaza/camngca/xoxela amacala amabini/xoxa ngomnye kule mixholo ilandelayo.</b></p> <p>Makanike isihloko esifanelekileyo.</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ukuphathwa gadalala kwezilwanyana</li> <li>• Indima edlalwa yinja ekhaya/entlalweni</li> <li>• lindidi zezinja nemisebenzi yazo; umzekelo; ezamapolisa, ezikhokela abantu abangaboniyo</li> </ul> <p>[Naziphi izimvo zomviwa ezisemxholweni ziya kwamkeleka.]</p>	
	Imo efanelekileyo:	Intshayelelo, isiqu nesiphelo.	
	Ulwimi:	Luhambelane nenjongo yokubhala, uhlobo lomhlathi oluhambelana nesincoko esikhethiweyo, isigama sihambelane nesihloko, isakhiwo sezivakalisi kunye nezixhobo zokunonga ezifanelekileyo.	

## IIMPAWU ZESINCOKO

Isincoko esibalisayo sibhalwa kumntu wokuqala okanye owesithathu.

- Masisebenzise ixesha eladlulayo/elidlulileyo/elimiyo
- Masibonise ulwazi ngesihloko asikhethileyo
- Abalinganiswa, isimo sentlalo, izizathu zokuhla kwezehlo ukuya kwisiphelo, mazibonakale
- Iziganeko zichazwe/zibaliswe ngokulandelelana kwazo okanye zicace ezingunobangela wezinye, kungenjalo angasebenzisa izixhobo ezifana nophuphelo okanye ukuqala ngesenzo esingekeli/sokugqibela
- Sisebenzisa amagama abonisa ixesha afana noo-emva, phambi, ngeli xesha.
- Sisebenzisa intetho yababini/ukuzithethela kwabalinganiswa
- Ulwimi olusetyenzisiweyo malube lolokudala ifuthe noluchukumisayo kofunda isincoko, lungekrwada phofu

Isincoko esichazayo sinokubhalwa ngokwexesha elidlulileyo okanye elangoku

- Sichaza into/umntu/indawo/imeko, njalo njalo
- Sisebenzisa amagama okudala umfanekiso
- Sisebenzisa izixhobo zokuchaza ezifana nezichazi, imifanekiso-ntelekelelo, izihlomelo, neziphuhliso ezifana nezifanekisozwi
- Sisebenzisa imifanekiso-ntelekelelo nezafobe zentetho
- Sivakalisa iimvakalelo zombhali

Isincoko esicamngcayo:

- Siveza uvakalelo lombhali ngesigama esibonakalisa amava akhe
- Siveza uchukumiseko ngomba ekubhalwa ngawo
- Uvakalelo olungundoqo ludlala indima enkulu
- Ubukhulu becala esi sincoko siyacamngca. (Sisebenzisa izixhobo zokuchaza nokuzoba imeko ezifana nezichazi, imifanekiso-ntelekelelo, izihlomelo, neziphuhliso ezifana nezifanekisozwi kwakunye nezafobe zentetho)
- Uvakalelo lombhali maluveze ukunyaniseka kunye nokubandakanyeka

Isincoko esixoxela icala elinye:

- Umviwa uthatha icala ngomba othile
- Uthotho lweengxoxo – oludla ngokuba kwimo engengcaciso ngeengongoma ezithile
- Ukubethelela – isishwankathelo nokuphindelela kwinkcazelo engoluvo oluthile lokuvula
- Kwingxoxo yakhe unika ubungqina obuxhasayo obusenokuba ngamanani okanye ukucaphula kumava anawo ayinyani
- Usenokuxoxela okuthile echasa enika ubungqina obuxhasayo
- Isiphelo sisenokuba sisishwankathelo neengcebiso

Kwisincoko esixoxela amacala omabini

- Inkcazelo inokuba ngengxoxo ephambili
- Umviwa uwaphatha omabini amacala engxoxo
- Uxoxela okuthile enika ubungqina obuxhasayo
- Unokulandela isakhiwo esithi umhlathi umela uluvo oluvumayo, kolandelayo, luchase, kungenjalo avume ekuqaleni komhlathi aze achase ekupheleni, kodwa makalunike olwakhe uluvo xa evala
- Unokuxoxela okuthile echasa/evuma enika ubungqina obuyinyani obuxhasayo
- Isiphelo – ingasisishwankathelo neengcebiso
- Makabonise ulwazi ngesihloko nangomba axoxa ngawo

**[50]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

## ICANDELO B: UMHLATHI OMDE

### Imiyalelo yokumakisha

- Kweli candelo umviwa ukhetha umhlathi ubemnye. Ukuba ukhetha yamibini, makisha owokuqala
- Ubude bomhlathi omde mabubengamagama angama-80 ukuya kwi-100 umxholo kuphela
- Sebenzisa irubriki esisihlomelo B ukumakisha lo mhlathi

### UMBUZO 2

#### 2.1 ILETA YOBUHLOBO

- Idilesi inye yeyomntu obhala ileta
- Isibuliso –mbize ngegama lo mntu umbhalelayo
- Intshayelelo, isiqu nesiphelo mazahluke zicace
- Ithoni nerejista mazibonakalise ukuba ubhalela isihlobo/umhlobo wakho
- Umxholo mawube ngowokuncoma umhlobo ngokuphuma phambili kwakhe kugqatso lweembaleki
- Kwisiphelo kubhalwa igama kuphela
- Izingxi azisetyenziswa kwidilesi, isibuliso nesiphelo

[30]

#### 2.2 IOBHITSHUWARI

- Injongo kukuncoma igalelo okanye imisebenzi yomntu ebesaphila
- Kubhalwe ngexesha elidlulileyo, ixesha langoku nelizayo lingasetyenziselwa ukugxininisa iimeko ezithile, umzekelo; ukunika ithemba
- Kusetyenziswe ulwimi olusesikweni noluchukumisayo
- Mayibhalwe ngemihlathi
- Umhlathi wokuqala mawuqulathe: igama elipheleleyo lomntu oswelekileyo, umhla wokuzalwa, indawo azalelwe kuyo, abazali bakhe, ukugula kwakhe, nomhla wokusweleka
- Umhlathi olandelayo uqulathe ukukhula kwakhe, ukufunda nokusebenza kwakhe kubandakanywe negalelo lakhe ngomculo wakhe wekatala
- Umhlathi wokugqibela ubalula usapho alushiya ngasemva, amazwi amkhaphayo aquka neziduko

[30]

#### 2.3 IAJENDA NEMIZUZU

- Iajenda sisicwangciso senkqubo eza kulandelwa entlanganisweni xa kuxoxwa
- Kwiajenda kubekwa imiba/izihlokwana ekuza kuxoxwa ngazo
- Imizuzu: umhla nexesha lentlanganiso
- Kunikwa irekhodi ebhaliweyo yoko kwakugqitywe kuko kwintlanganiso esele idlulile
- Ihambelana nezihlokwana ezikwiajenda
- Mayibhale iziphakamiso kunye nezigqibo kuphela
- Mayisebenzise ixesha elidlulileyo
- Kubhalwe izivakalisi ezipheleleyo
- Kusetyenziswa ulwimi olusesikweni nesixando sokwenziwa ukubonisa ukubandakanywa komntu wonke obekwintlanganiso

[30]



## 2.4 **INGXOXO YABABINI**

- Ifomathi yeyengxoxo- abantu ababini abaphendulanayo ngomba othile
- Intshayelelo mayibenomdla ityhile okuza kubangumxholo ifakwe ezigweqeni
- Kusetyenziswa intetho-ngqo ngaphandle kweempawu zocaphulo
- Isithethi sibhalwa ngasekhohlo ephepheni, zesilandelwe yikholon [:]
- Ingcaciso engenye ibhalwa ezigweqeni ( )
- Ithoni nerejista zixhomekeke kunxulumano lwezithethi kunye nesihloko abathetha ngaso
- Umxholo mawubemalunga nezomdaniso kunye nezebhola ekhatywayo
- Shiya umgca ongabhalwanga phakathi kwezithethi
- Ingxoxo mayibonakalise ukukhula okt. intetho nganye ibeyimpendulo yobekusele kuthethiwe
- Makuqukunjelwe ngendlela efanelekileyo

**[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

## ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE

### Imiyalelo yokumakisha

- Kweli candelo umviwa ukhetha umhlathi ubemnye, aze athi ukuba ukhethe yamibini, makisha owokuqala
- Ubude bomhlathi omfutshane ngama-60 ukuya kuma-80 amagama umxholo kuphela
- Sebenzisa irubriki esisihlomelo C ukumakisha lo mhlathi

### UMBUZO 3

#### 3.1 IPOWUSTA

- Isakhono nobuchule bokuyila buyafuneka ukuze umsitho ube ngowodwa unika lowo umenywayo isizathu sokuzimasa umcimbi lowo
- Makusetyenziswe iifonti ezahlukileyo
- Makunikwe ulwazi oluquphayo nolucacileyo
- Nini - umhla nexesha
- Phi - idilesi
- Izithethi/amaqela amenyiweyo
- Indlela yokunxibelelana - imfonomfono, iselula, ifeksi okanye i-imeyile
- Ulwimi oluchukumisayo/olucengayo
- Ixesha langoku, kusetyenziswe izivakalisi ezifutshane ezingqala ngqo kwiinkcukacha ezibalulekileyo
- Amabinzana angasetyenziswa

[20]

#### 3.2 IPOSIKHADI

- Igama lomntu obhalelwayo nedilesi yakhe zibhalwa ekunene ngezantsi kwesitampu
- Kwicala lasekhohlo kubhalwa umhla nomyalezo
- Umxholo womyalezo mawubengezinto ezintle azibone kwindawo leyo atyelele kuyo
- Unakho ukusebenzisa ulwimi lwemihla ngemihla, angasebenzisi olundilisekileyo/olusemthethweni kuphela
- Isiphelo mayibesesibonakalisa unxulumano lombhali nombhalelwa

[20]

#### 3.3 IZALATHISI

- Apha makanike imiyalelo malunga nendlela elula emayithathwe ngulowo walathiswayo
- Mazicacise indawo asukela kuyo (umzekelo ukuphuma kwakho eUP)
- Mazicacise icala amakaye ngakulo ekhohlo, ekunene
- Imiyalelo mayinikwe ngendlela elandelelana ngayo ukuze ifezekiseke lula
- Ungaxelwa umgama oza kuhanjwa ukuze ude ufike kwenye ibhakani
- Xela ukuba uza kuhamba ngohola wendlela/isitalato/igama laso, izinto aza kuhlanguana nazo/ibhulorho anqumla kuzo njalo njalo
- Kubaluleke kakhulu ukucacisa inani lezitalato eziza kunqunyulwa kwakunye namagama azo
- Izihlomelo ezisetyenziswayo – (ezendawo, ezexesha)  
[Umviwa angasebenzisa nayiphi na indlela eyalathiweyo nechanekileyo eya kumfikisa e*Groenkloof Campus*.]

[20]

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**  
**AMANQAKU EWONKE: 100**

**QAPHELA:**

- Sebenzisa le rubriki rhoqo xa umakisha izincoko zephepha lesi-3, ICANDELO A.
- Amanqaku ukusukela kweli-0 ukuya kwangama-50 ahlulahlulwe ngokwamanqanaba amahlanu aphambili.
- Kwiikhrayitheriya yoMxholo, uLwimi neSimbo, inqanaba ngalinye kula mahlanu lahlulahlulwe lanomgangatho ongentla nongezantsi yanemimandla yamanqaku ahambelana nomgangatho ngamnye.
- Ikhrayitheriya yeSakhiwo yona ayichaphazeleki ngumgangatho ongentla nongezantsi.

**ISIHLOMELO A: IRUBRIKI YOKUHLOLA IZINCOKO – ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO [50 AMANQAKU]**

Ikhayitheriya		Balaseleyo	Enobuchule	Phakathi	Buthathaka	Bubhetyebhetye
<b>UMXHOLO NOCWANGCISO</b>  (Impendulo nezimvo) Ukubekelela izimvo ngenjongo yokucwangcisa  Ukubonakalisa ukuyazi injongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko  <b>30 AMANQAKU</b>	Umgangatho ongentla	<b>28–30</b> -Impendulo ebalaseleyo enomtsalane, ngaphaya kobekulindelekile -Izimvo zihlakaniphile, zixhokonxa iingcinga kwaye zinemfezeko -Isincoko sibekelwe ngobuchule obungaqhelekanga kwaye intshayeleyo, isiqu kwakunye nesiphelo zibonakalisa unamathelwano olunemfezeko	<b>22–24</b> -Impendulo ixonxwe ngobugcisa obukhulu -Izimvo zinxulumene nomxholo kwaye zinika umdla, bukho ubungqina bemfezeko kwizimvo -lingcamango zibekelwe ngokwakhelanyo kuquka intshayeleyo, isiqu nesiphelo	<b>16–18</b> -Impendulo iyanelisa ngokupheleleyo -Izimvo ziyamathelana noko kwaye zingakuguqula ukucinga kofundayo -lingcamango zibekelwe ngokunamathelanyo kuquka intshayeleyo, isiqu nesiphelo	<b>10–12</b> -Impendulo ingena iphuma emxholweni akukho lunamathelwano kwizimvo -Izimvo azicacanga kwaye ezinye zazo zezemboleko -Buncinci kakhulu ubungqina bobekelwe nonamathelwano lweengcamango	<b>4–6</b> -Impendulo ayikho mxholweni konke konke -Izimvo zibondene azingqalanga ntweni -Azivakali izimvo kwaye ziyaphindaphindwa/ uthetha into enye -lingcamango zibekwe xazalala azinalunxibelelwano
		Umgangatho ongezantsi	<b>25–27</b> -Impendulo encamisileyo kodwa akukho zimpawu zakubalaselela kubhekele phi kwisincoko -Izimvo zivuthiwe zixhokonxa iingcinga -lingcamango zibekelwe zandindaniswa ngobugcisa kuquka intshayeleyo, isiqu kunye nesiphelo	<b>19–21</b> -Impendulo ixonxwe ngobugcisa -Izimvo zisemxholweni kwaye zinika umdla -Sibekelwe ngobuchule, kukho ukunamathelana kweengcamango okuquka intshayeleyo, isiqu nesiphelo	<b>13–15</b> -Impendulo iyanelisa nangona kumana kubakho ukungacaci kwiindawo ezithile -Kukho ukunamathelana okubonakalayo kwizimvo kwaye kuyanelisa -Kukho ukubekelwa kweengcamango nonamathelwano kwintshayeleyo, isiqu nesiphelo	<b>7–9</b> -Impendulo iphumile emxholweni ubukhulu becala -Izimvo ziyaqhawu-qhawuka ziyabhidisa -Buyanqaphazeka ubungqina bokubekelwa kweengcamango nonamathelwano

**IRUBRIKI YOKUHLOLA IZINCOKO – ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO [50 AMANQAKU] (isaqhubeka)**

<b>Ikhayitheriya</b>		<b>Balaseleyo</b>	<b>Enobuchule</b>	<b>Phakathi</b>	<b>Buthathaka</b>	<b>Bubhetyebhetye</b>
<b>ULWIMI, ISIMBO &amp; NOKUHLELA</b>  Ukuhambelana kwethoni, irejista, isimbo, isigama kunye nemeko  Ukhetho-magama  Ukusetyenziswa kolwimi nesigama limpawu zobhalo, izakhi zezivakalisi, nopelo  <b>15 AMANQAKU</b>	<b>Umgangatho ongentia</b>	<b>14–15</b>	<b>11–12</b>	<b>8–9</b>	<b>5–6</b>	<b>0–3</b>
		-Ithoni, irejista, isimbo, isigama zifanelene ngokugqwesileyo nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko -Ulwimi lusetyenziswe ngokuzithemba, luyathabathekisa -Ithoni enomtsalane nezafobe zentetho eziphumeza injongo -Phantse kube akukho nasinye isiphene solwakhiwo zivakalisi, upelo nokusetyenziswa kolwimi -Sixonxwe ngobugcisa obukhulu	-Ithoni, irejista, isimbo, isigama zifanelene kakhulu nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko -Ulwimi luchaneke ngakumbi kwaye ithoni isetyenziswe ngokuchaneke kwisincoko siphela -Iziphene zokusetyenziswa kolwimi nopelo zinqongophele -Sixonxwe ngobugcisa obukhulu	-Ithoni, irejista, isimbo, isigama sifanelene nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko -Ulwimi olufanelekileyo ludlulisa umyalezo -Ithoni ifanelekile -Izafobe zentetho zinonga umxholo	-Ithoni, irejista, isimbo, isigama azifanelananga ncam nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko -Ulwimi lusetyenziswa ngendlela ebuthathaka -Ithoni nochongo magama azifanelekanga -Isigama sinqongophele	-Ulwimi aluvakali -Ithoni, irejista, isimbo, isigama asifanelananga kwaphela nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko -Ukunqongophala kwesigama kubaxekile kangangokuba ayinasihlahla into ebhaliweyo
	<b>Umgangatho ongezantsi</b>	<b>13</b>	<b>10</b>	<b>7</b>	<b>4</b>	
		-Ulwimi luchaneke kanye nezafobe zisetyenziswe ngethoni ephumeza ukudlulisa umyalezo -Phantse kube akukho nasinye isiphene solwakhiwo zivakalisi, upelo, nokusetyenziswa kolwimi -Sixonxwe ngobugcisa obukhulu	-Ulwimi lunomtsalane kwaye luyaziphumeza iinjongo zokubhala -Ithoni ifanelekile kwaye iyaziphumeza iinjongo zokubhala -Zimbalwa iziphene zezakhi zezivakalisi kunye nopelo -Sixonxwe ngobugcisa	-Kuyanelisa ukusetyenziswa kolwimi kodwa asekho amakhwiniba -Ithoni ifanelekile kodwa izafobe zentetho ezisetyenzisiweyo zinqongophele	-Ukusetyenziswa kolwimi kubonisa ububhetyebhetye -Izivakalisi zinobuthathaka-azitshintsha-tshintshwa -Isigama sinqongophele ngokubalaseleyo	
<b>ISAKHIWO</b>  limpawu zetekisi Ukukhula kwemihlathi nokwakhiwa kwezivakalisi  <b>5 AMANQAKU</b>		<b>5</b>	<b>4</b>	<b>3</b>	<b>2</b>	<b>0–1</b>
		Isihloko sikhuliswe ngokuncamisayo -linkcukacha zibalasele ngokungaqhelekanga -Izivakalisi, imihlathi zakhiwe zaqiqisiswa ngokugqwesileyo	-linkcukacha ezinengqiqo zikhuliswe ngokwakhelanayo -Izimvo zinamathelene -Izivakalisi, imihlathi zitshintshatshintshwa ngobuchule obuqiqisisiweyo	-linkcukacha ezisemxholweni zikhuliswe -Izivakalisi, imihlathi zakhiwe kuhle -Isincoko sibunjwe ngengqiqo	-Zikho iingcamango ezamkelekileyo -Isakhiwo sezivakalisi nesemihlathi sinamakhwiniba -Isincoko sisenayo ingqiqo	-lingcamango ezifunekayo zinqongophele -Isakhiwo sezivakalisi nesemihlathi sigxoko-gxoko -Isincoko asinangqiqo
<b>UMMANDLA WAMANQAKU</b>		<b>43–50</b>	<b>33–40</b>	<b>23–30</b>	<b>13–20</b>	<b>0–10</b>

**ISIHLOMELO B: IRUBRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHI EMIDE– ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO [30 AMANQAKU]**

<b>Ikhrayitheriya</b>	<b>Balaseleyo</b>	<b>Enobuchule</b>	<b>Phakathi</b>	<b>Buthathaka</b>	<b>Bubhetyebhetye</b>
<b>UMXHOLO, UCWANGCISO NEFOMATHI</b>	<b>15–18</b>	<b>11–14</b>	<b>8–10</b>	<b>5–7</b>	<b>0–4</b>
Ukungqala kwempendulo nezimvo  Ukuqoqwa kwezimvo ngenjongo yokucwangcisa  Injongo yokubhala, abo kujoliswe kubo, iimpawu/imigaqo yetekisi, kunye nemeko	-Impendulo igqwesile idlule okuqhelekileyo -Izimvo ziqiqisise kwaye zivuthiwe -Luphangalele ulwazi lweempawu zolu didi lwetekisi -Umsebenzi ungqalile uhleli emxholweni -Kukho ukunamathelana kwizimvo nomxholo -lingcamango zidakancwe ngobunono zonke iinkcukacha zixhasa isihloko -Ifomathi ifanelekile kwaye ichanekile	-Impendulo ibonakalisa ukuchaneka kanobom nolwazi olunzulu lweempawu zolu didi lwetekisi -Ingqalile ayiphumi nasemxholweni -Izimvo zixoxwe zadakancwa ngokunamatheleneyo kumxholo nezimvo -linkcukacha zixhasa isihloko -Ifomathi ifanelekile ineendawana ezingachanekanga ezingephi	-Impendulo iyanelisa ibonakalisa ulwazi lweempawu zolu didi lwetekisi -Izimvo ziyaphuma emxholweni kwaye kukho nokugqwidiza -Ukunamathelana kumxholo nezimvo kufanelekile -Ezinye iinkcukacha zixhasa isihloko -Ifomathi ifanelekile kodwa kusekho ukungachaneki	-Impendulo ibonakalisa ulwazi olungephi lweempawu zolu didi lwetekisi -Zimbalwa izimvo ezisemxholweni kodwa kuninzi ukuphuma ecaleni -Kunqabile ukunamathelana komxholo nezimvo -Zimbalwa iinkcukacha ezixhasa isihloko -Imigaqo yefomathi ephambili isetyenziswe ngokungaqondi -Kutyeshelwe izinto ezininzi	-Impendulo ibonakalisa ukunqongophala kolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi -Intsingiselo ilahleka rhoqo ide iphume emxholweni -Akukho ukunamathelana kumxholo nezimvo -Zimbalwa kakhulu iinkcukacha ezixhasa isihloko -Imigaqo eyimfuneko yobhalo lwale tekisi ityeshelwe
<b>18 AMANQAKU</b>					
<b>ULWIMI ISIMBO SOKUBHALA NOKUHLELA</b>	<b>10–12</b>	<b>8–9</b>	<b>6–7</b>	<b>4–5</b>	<b>0–3</b>
Ithoni, irejista, isimbo, injongo/ifuthe, abo kujoliswe kubo kunye nemeko  Ukusetyenziswa kolwimi nemigaqo  Uchongo magama limpawu zokubhala kunye nopelo	-Ithoni, irejista, isimbo, isigama zihambelana kakhulu nenjongo nabo kujoliswe kubo kunye nemeko -Izakhi zezivakalisi zisetyenziswe ngokuchanekileyo -Phantse kube akukho nasinye isiphene	-Ithoni, irejista, isimbo, isigama sichaneke kakhulu malunga nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko -Izakhi zezivakalisi zichanekile kwaye umyalezo wakheke kakuhle -Isigama sichanekile -Ubukhulu becala akukho zimpazamo	-Ithoni, irejista, isimbo, isigama sihambelana nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kwakunye nemeko -Izakhi zezivakalisi zibonakalisa iimposiso -Isigama siyanelisa -Iimpazamo zobhalo ezikhoyo aziyiphazamisi intsingiselo nomyalezo	-Ithoni, irejista, isimbo, nesigama azingqamani ncam nenjongo kwakunye nabantu ekujoliswe kubo kunye nemeko -Izakhi zezivakalisi zineemposiso ezininzi eziphazamisa umyalezo -Sinqongophele isigama -Kukho amagingxi-gingxi kwintsingiselo	-Ithoni, irejista, isimbo, nesigama azingqamani kwaphela nenjongo, imeko kwakunye nabantu ekujoliswe kubo -Izele ziimpazamo ixazalala -Isigama asifanelananga nenjongo -Intsingiselo ilahleke kakhulu
<b>12 AMANQAKU</b>					
<b>UMMANDLA WAMANQAKU</b>	<b>25–30</b>	<b>19–23</b>	<b>14–17</b>	<b>9–12</b>	<b>0–7</b>

**ISIHLOMELO C: IRUBRIKI YOKUHLOLA IMIHLATHI EMIFUTSHANE – ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO [20 AMANQAKU]**

<b>Ikhayitheriya</b>	<b>Balaseleyo</b>	<b>Enobuchule</b>	<b>Phakathi</b>	<b>Buthathaka</b>	<b>Bubhetyebhetye</b>
<b>UMXHOLO</b>	<b>10–12</b>	<b>8–9</b>	<b>6–7</b>	<b>4–5</b>	<b>0–3</b>
<b>UKUCWANGCISA</b> <b>NEFOMATHI</b>  Impendulo nezimvo  Ukubekelwa kwezimvo  Iimpawu zetekisi/ umgaqo kunye nemeko  <b>12 AMANQAKU</b>	-Impendulo igqwesile ibonisa ukuqiqisiswa kwezimvo -Izimvo zihlakaniphile kwaye zivuthiwe -Luphangalele ulwazi lweempawu zolu didi lwetekisi -Umsebenzi ungqalile akukho kugqwidiza -Kubonakala ukunamathelana kwizimvo nomxholo -lingcamango zidakancwe ngobunono kwaye zonke iinkcukacha zixhasa isihloko -Ifomathi ifanelekile kwaye ichanekile	-Impendulo ibonakalisa ukuchaneka kanobom ulwazi olunzulu lweempawu zolu didi lwetekisi -Ingqalile ayiphumi nasemxholweni -Izimvo zixoxwe zadakancwa ngokunamatheleneyo kumxholo nezimvo -Iinkcukacha zixhasa isihloko -Ifomathi ingqalile iindawana ezikhoyo ezingachanekanga azyiphazamisi injongo yokubhala	-Impendulo iyanelisa ibonakalisa ulwazi lweempawu zolu didi lwetekisi -Izimvo azisoloko zisemxholweni kwaye kukho nokugqwidiza -Ukunamathelana kumxholo nezimvo kwenzeka ngokufanelekileyo -Ezinye iinkcukacha zixhasa isihloko -Ifomathi ingqalile kodwa zikho iindawana ezingachanekanga	-Kubonakala ubunzima malunga nolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi -Zimbalwa izimvo ezisemxholweni kodwa kuninzi ukuphuma ecaleni -Kunqabile ukunamathelana komxholo nezimvo -Zimbalwa iinkcukacha ezixhasa isihloko -Imigaqo yefomathi ephambili ityeshelwe okanye isetyenziswe ngokungaqondi	-Impendulo ibonakalisa ukunqongophala kolwazi lweempawu zolu didi lwetekisi -Intsingiselo ilahleka rhoqo -Intsingiselo iduka kwisakhiwo esixazalala -Akukho ukunamathelana kumxholo nezimvo -Zimbalwa kakhulu iinkcukacha ezixhasa isihloko -Imigaqo eyimfuneko yobhalo lwale tekisi ityeshelwe
<b>ULWIMI, ISIMBO</b> <b>NOKUHLELA</b>  Ithoni, irejista, isimbo, nesigama singqamene nenjongo kunye nemeko  Ukusetyenziswa kolwimi nemigaqo  Ukhetho- magama limpawu zokubhala kunye nopelo  <b>8 AMANQAKU</b>	<b>7–8</b> -Ithoni, irejista, isimbo, isigama zifanelene kakhulu nenjongo, abo kujoliswe kubo kunye nemeko -Izakhi zezivakalisi zisetyenziswe ngokuchanekileyo -Phantse kube akukho nasinye isiphene	<b>5–6</b> -Ithoni, irejista, isimbo, nesigama sifanelene kakhulu nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko -Izakhi zezivakalisi zichanekile kwaye umyalezo wakheke kakuhle -Isigama sichanekile -Ubukhulu becala azikho iimpazamo	<b>4</b> -Ithoni, irejista, isimbo, isigama sifanelene nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kwakunye nemeko -Izakhi zezivakalisi zibonakalisa iimposiso -Isigama siyanelisa -Iimpazamo zobhalo ezikhoyo azyiphazamisi intsingiselo	<b>3</b> -Ithoni, irejista, isimbo, nesigama azifanelananga ncam nenjongo, abantu ekujoliswe kubo kunye nemeko -Izakhi zezivakalisi zineemposiso ezininzi eziphazamisa umyalezo -Sinqongophele isigama -Kukho amagingxi-gingxi kwintsingiselo	<b>0–2</b> -Ithoni, irejista, isimbo, nesigama azifanelananga kwaphela nenjongo, imeko kwakunye nabantu ekujoliswe kubo -Izele ziimpazamo ixazalala iyadida -Isigama asihambelani nenjongo -Intsingiselo ilahlekile kakhulu
<b>UMMANDLA</b> <b>WAMANQAKU</b>	<b>17–20</b>	<b>13–15</b>	<b>10–11</b>	<b>7–8</b>	<b>0–5</b>